Downloaded from Stanmorephysics.com


basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/**
**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## MEYI/JUNI 2024

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-31.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 16 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 20 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Thath'izinto zakho mthakathindini!' | 18 | 24 |
| | | |
| 6.2 'Umhlahlo ngamehlo' | 17 | 26 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Thembisile' | 18 | 28 |
| | | |
| 7.2 'Umama' | 17 | 30 |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

**Qaphela: Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.**
**Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.**

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Thath'izinto zakho mthakathindini!')<br>('Umhlahlo ngamehlo') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Thembisile')<br>('Umama') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Mpumelelo namhlanje ndifuna ukukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke. Nanjengonyana ekuphela kwakhe, ndifuna ukhule usazi into ofanelwe kukuyenza ukwenzela ukuba ze kuthi nokuba kwenzeka ntoni na kum okanye kunyoko, ungaxakwa. Umdala ngoku kangangokuba ndingakucuntsulela ubuncinane kumahlebo alapha ekhaya. Impilo yam ayithembisi mntwan' am. Ugqirha undixelele.'

'Ke, Mpumelelo le mizamo siyenzayo xa sisonke apha ekhaya, sizamela ukuba uze ufunde ube ngumntu elizweni, ungathi xa sesifile ufane nompha ochutywe walahlwa. Uze ungayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de ufikelele kweli nqanaba ndihlala ndisithi ndingaxola ukuba ungafikelela kulo. Eyesibini yile yokuba uze uthi nokuba sewugqibile ukufunda, ugcine ilifa likayihlo lisebenze mntwan' am. Nabu ubutyebi bakwaNtsibande namhlanje bujinga **buza kutsityelwa ngamaxhwili**. Ingaze ife le venkile.'

'Into ebangele ukuba nditsho kukuba phambi kokuba ndiyivule, ndavelelwa ngubawo omkhulu ongasekhoyo, wandibonisa ikhondo lempumelelo neliya kugcina igama lakwaNtsibande lihleli. Ke, kule mpilo yam ikekeleyo; nendiyibonayo ukuba iye isonakala ngokonakala nakuba unyoko engayiqondi, nali endifuna ukuba uze uligcine engqondweni. Nokuba sekuyintoni, ungaze umlahle unyoko koku porha kwakhe, ndawo-nye noyihlomncinci kwakunye nomakhulu lo sihleli naye, uYolisa.'

'Awu, tata kutheni undixelela ezi zinto nje uyaphi wena?'

1.1.1 Xela imeko yempilo kaLungile ayixelela uMpumelelo. (1)

1.1.2 Nika isizathu semizamo eyenziwa likhaya likaMpumelelo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.3 Xela indawo awayephangela kuyo uLungile. (1)

1.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili ngokubhekiselele kubutyebi bakwaNtsibande. (2)

1.1.5 Khankanya isenzo esihle esenziwe ngutitshala uNgxowankulu malunga noThembisa uze unike isizathu sokufaneleka kwaso.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo esenziwe nguNgxowankulu. (1)
(b) Isizathu sokufaneleka kwaso. (2)

1.1.6 Khetha iziganeko zibe ziBINI ezenzeke phambi kokuba abazali bakaMpumelelo basweleke.

(a) UNtongana uyokufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.
(b) UThamsanqa uncedisa kwivenkile kaLungile.
(c) ULizzy ucela ukudanisa noMpumelelo emdanisweni.
(d) UNomakhwezi utyoboza imoto yomsebenzi kaLungile. (2)

1.1.7 Simveza njengomlinganiswa onjani uNtongana isenzo sakhe sokuya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.8 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababengabanikazi bevenkile phambi kokuba ithengiselwe uLungile. (2)

1.1.9 Xela inenekazi elalihleli noLungile kwivenkile yokutyela edolophini eThekwini. (1)

1.1.10 Ngqina ngokwasencwadini ukuba olu lwazi lulandelayo aluyonyani.

UMpumelelo wayefuna ukuzigqatsela ukufumana isikhundla kwipalamente yaseTranskei. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Kaloku ndisithi kuni masihlabele mgama nje yiloo nto kanye. Ndinibizele ukuba size kubonela icebo laa mgqutsubana womntwana kuthiwa nguMpumelelo. Selevakele amarhe okuba eliya lifa liza kushiywa kuye. Ukuba kwelo lifa bamthembise ngalo badibanisa nalaa venkile ngathi naye usaza kulandela abazali bakhe,' waqokela uNozililo.

'Ke, Nozi, uthi makuthiweni?' wabuza uMaMiya. 'Kaloku thina mfazi singuwe, silapho ukhoyo. Nokuba uthi makuse engekho sinawo amacebo.'

'Inene asinto ithandatyuzwayo leyo Gcwanini,' wangqina uMamTolo.

'Noko ndithi ngesi sizathu nje sokuba kusandul' ukufa abazali bakhe, masingakhawulezi simbonele amacebo okumdlulisa ngaphaya kwamafu kwangoku. Mna bendinengcamango yokuba aphambane, abe yinto nje efana nesithunzela, athi kuloo mpambano yakhe abhangazeke angazi nalapho aya kufela khona,' watsho uNozililo.

'Hayi ke leyo ilula. INatala kudala thina sayihlala. Siwazi onke amacebo,' waphendula uMamTolo.

'Makaphetshethwe zimazi!' livakele elikaMaMiya ngemihlali.
Iqhubile le ncoko de yaphazanyiswa kukungena kukaNtongana evela emsebenzini. Uye wawabungezelela la makhosikazi ewabulisa ngobubele nanjengeetshomi zomkakhe. Nawo akabanga sazinza emva koku.

'Makhosikazi ndiyabulela torho ngokuza kundincedisa kule ngxaki yolu Manyano. Izinto zeCawa ubonanje zikholwa kukulungiswa kwangabantu bazo. NjengoSihlalo ningabokundiyekela ngomsebenzi bafazi bomthandazo,' kwatsho uNozililo ngoncumo olukhulu ...

1.2.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olukwesi sicatshulwa olubonisa ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

1.2.2 Xela ukuba kutheni uNozililo efuna ukuba uMpumelelo abonelwe icebo. (2)

1.2.3 Kwavunyelwana ngantoni nguNozililo nabahlobo bakhe malunga noMpumelelo kule ngxoxo ikwisicatshulwa? (2)

1.2.4 Xela udidi lwesafobe esikwintetho elandelayo.

'... okumdlulisa ngaphaya kwamafu.' (1)

1.2.5 Xhasa ngolwazi lwebali imbono yokuba umntu ziyamjikela izenzo zakhe zenkohlakalo. (2)

1.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba kwaba luncedo kuMpumelelo ukufunda kwakhe eBlythswood. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2.7 Nika isizathu sokuba uMpumelelo athiywe eli gama ngabazali bakhe. (2)

1.2.8 Leliphi iyelenqe elenziwe nguNozililo malunga noMpumelelo eliphume apho angakhange acingele khona? (2)

1.2.9 Luvo luni oludluliswa kule noveli malunga nabahlobo? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Kodwa, ke,' uqhubile, 'umbutho lo wequmrhu andiwutyi kakuhle. Ndive kakuhle – asingobantu bequmrhu aba ndingabatyiyo, ngumbutho ngokwawo.'
'Ndiyakuva. Khawuqhube nawe phambi kokuba ndikuphikise.'
'Uzuqonde kakuhle. Akukhonto khe ndiyive ithe tenxe emthethweni eyenziwa ngulo mbutho. Kodwa ndiphawula le nto … awunasidima, hayibo, awunasidima. Iinjongo zawo zintle zona kodwa ziyanyeliseka kukungabikho kweso sidima.'
'Mhlawumbi ke abequmrhu bayangeniselwa ngumbutho wabo. Kungade kube kunjalo, kodwa mna andihambisani nobuxelegu obunjengobuya baphaya – apho kugquba amanxila, imigewu noonopatazana bodwa.'
'Yitsh' uphinde, Joe, mfondini. Bendikhe andakuqonda apho ukhoyo. Sekhe ndazibonela mna ngala wam amehlo, unyanisile. Kodwa ke imeko yalo mbutho **makhesiyijonge ngeliso elibanzi**.'
'Umbutho lo mtsha. Umtshanje, ngowokuqala ukunikwa ilungelo lokuthengisa utywala okoko ithe yasuswa imiqobo ibisoloko ikho ngokwasemthethweni kwintengiso yotywala kuma-Afrika. Phambi kokuba siwalathe ngomnwe, makhe siwunike ithuba elaneleyo, nabantu bade baliqhele eli lungelo bebekade bebophelelekile ukuba balixhamle ... Abantu baseza kuzifundela ukuba i*night club* – njengazo zonke ezinye esizaziyo – asindawo yantselo kuphela. Nokuba utywala bungumdliva, indawo enjengale yeyolonwabo, yeyokuhlaziya iingqondo kubantu abadinwe zizilingo neenzima zabo zemihla ngemihla.'
'Ndinayo ingqondo yokuba ukuba uEddie ebesaphila, nguyena mntu obeza kukhawuleza abakhuphe abantu kwezo ngqondo …'

2.1.1 Xela le nto athi akayithandi uJoe Bumba. (1)

2.1.2 Nika isizathu sokuba uBumba athi umbutho i*Moonglow* unobuxelegu. (2)

2.1.3 Xela ukuba uHlobo wayeyokwenza ntoni kwaJoe Bumba. (1)

2.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili ngokubhekisele kwimeko yombutho *waseMoonglow*. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.5 Khankanya isenzo sokunganyaniseki esenziwe nguEddie kuLinda uze unike isizathu sokungafaneleki kwaso.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo esenziwe nguEddie. (1)
(b) Isizathu sokungafaneleki kwaso. (2)

2.1.6 Khetha iziganeko zibe ziBINI ezenzeke phambi kokuba uLinda abanjwe.

(a) UHlobo uyokuphanda emzini kaEddie Maga.
(b) UHlobo uhambela e*Moonglow Night Club*.
(c) UHlobo ufumana i*tape recorder.*
(d) UNkskz. Hobe undwendwela isikhululo samapolisa. (2)

2.1.7 Simveza njengolimnganiswa onjani uThembisa Ntlokonkulu isenzo sokuzenza umfazi omdala, ongafundanga nohluphekileyo emapoliseni? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.8 Nika amagama abalinganiswa abaBINI abancede uHlobo ngokumnika ulwazi olumncedise kuphando lwakhe kwityala lokugetyengwa kukaEddie Maga noLulama Zuma. (2)

2.1.9 Xela indawo elalixoxelwa kuyo ityala likaLinda. (1)

2.1.10 Ngqina ngokwasencwadini ukuba olu lwazi lulandelayo aluyonyani.

Umpu kaLinda owawulahlekile wavela phambi kokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Uxolo kancinci ke Dick.' Yatsho iphuma la nkwenk' asemzini. Emzuzwini, ibuye ithe chu ngesokunene ityesana enomqheba wayo wokubamba, ngesekhohlo ithe chu iqokobhe legolide elibukhulu bungalinganiselwa neleqokobhe lesigarethi. Iqale ngokuvala ucango, yandula ukuthoba imikhusane yeefestile le ndoda.
'Kuphela kwempahla kaEddie esinayo apha, ngaphandle kwemali. Imali ke akunamdla kuyo, sewutshilo. Kweli qokobhe, kuzele bubunewunewu be-mpahla eyenziwe ngamatye egolide nedayimani. Mandivule ubone … Yayi-ngudlalani, mfondini, umfana … Uyabona, la ngamaso, awegolide wona … la ngamacici – iwele nalaa maso … Ezi zizacholo, ezegolide nazo … Khangela, mfondini, ukungqinisisa ukuba umfana lo wayejong' endaweni … Lo ngumsesana womtshato – owedayimani wona. Asazi ke ukuba wawuthe-ngelwe bani na.'
Mhm! Ufane wancwina ngelo uHlobo, **eyinkukw' esik' umlomo**. 'Kule tyesi … Khawume ndivule, uzibonele ngawakho amehlo … Ngumshini *oyitape recorder*.' Mhm! Wancwina ngamandla ngoku uHlobo, umlomo sewuqhekeka luncumo.
'Yeyona nto ndingazange ndayibhencabhenca ke le. Kodwa ngathi kukho imisonto emibini eseyishicilelwe kade. Ukuba sinokuyidlala, singayiva into eshicilelweyo kodwa leyo ikude kuthi.'
Wee xhungu uHlobo akuweva loo mazwi. Uthe ebesaza kuthetha, waphangelwa ngulo mfo wakwa-*All Safe*.
'Ndiqinisekile, yonke le nto ilapha yingqokelela yeengoma. Kaloku umninizo wayelinxila lengoma.'
'Zashiywa nini ezi zinto, mhlekazi?'

2.2.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olukwesi sicatshulwa olubonisa ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

2.2.2 Xela le nto yayonwabise uHlobo de aqhekeke luncumo. (2)

2.2.3 Kutheni kusithiwa bubunewunewu impahla kaEddie efunyenwe elugcinweni? (2)

2.2.4 Xela udidi lwesafobe esikwintetho elandelayo.

'... uHlobo, eyinkukw' esik' umlomo.' (1)

2.2.5 Xhasa ngolwazi lwebali imbono yokuba kubalulekile ukwenza umyolelo obubungqina obushicilelweyo. (2)

2.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba kwaba luncedo kuHlobo ukundwendwela kwakhe kwivenkile yakwa*Femina House* eMonti. (2)

2.2.7 Nika isizathu sokuba abanye abantu baseMonti bangamsizeli uLinda ngokubanjwa kwakhe. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.8 Loluphi ulwazi awayengenalo uHlobo malunga noNkskz. Hobe awayethetha naye esikhululweni samapolisa? (2)

2.2.9 Luvo luni oludluliswa kule noveli malunga nolwaphulo-mthetho? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Ngoku yayisele yonganyelwe sisihandiba somfo owayebizwa ngokuba nguThandabantu. Wayengumfo wakwaSihlunu uRhadebe, osinqe sikwalapho kuTsolo. Igama likaThandabantu yayingelogama alithiywe kokwabo, walithiywa ngabantu balapho eNtshiqo kunye neelali ezimelene nayo, ngenxa yobubele nobuntu bakhe. Eli gama lalimfanele lidume kangangokuba lalisaziwa kuzo zonke ezo lali zakuTsolo ukuya kuma ngedolophu leyo. Bonke **babelilisela** ngevenkile yakwaThandabantu, ingulowo efuna obo bubele nenkathalo yakhe. Kuloo venkile yakhe kwakusoloko kuphithizela, ingabasebenzayo nabaze kuthenga bexutywe ngabahamba nje, kuba kaloku uRhadebe lo wayephume izinwe ngobubele.

-----------------------------------------------------------------------------------------------

Abantu ababeqala ukumbona sele ekulo mgangatho babebuzana ukuba ingaba waqala njani na. Babebaninzi ke abantu ababezama ukuwuphendula loo mbuzo, bambi kubo bade baqiniseke ngezabo iimpendulo. Zonke ke zazifumaniseka ukuba aziyiyo inyani. Eyona nyani yayiyile yokuba yonke into awayenayo wayeyisebenzele nzima. Washiywa nguyise owaye enabafazi abathathu xa abhala ibanga leJC. Waye engowokuqala kubantwana abalishumi elinethoba bebonke kubafazi bakayise. Imali yokumqhubela phambili ngemfundo yaphela kuba kucingelwa olo thotho lingabantakwabo liza emva kwakhe. Ngethamsanqa uyise wayesele emolusile eyindoda. Waphuma ke esikolweni ephumelele elo banga leJC. Wenza njengabanye abafana abaphume esikolweni bengagqibanga, waya kufuna umsebenzi kwamlungu. Waya kutshona kweleentlanzi, eKapa.

3.1.1 Xela le nto kuthiwa yayiseyonganyelwe nguRhadebe. (1)

3.1.2 Nika isizathu sokuba uRhadebe athiywe igama elinguThandabantu. (2)

3.1.3 Xela ukuba wawafumana phi uThandabantu amava okusebenzisana nabantu. (1)

3.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili ngokubhekiselele kwivenkile kaThandabantu. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.1.5 Khankanya isenzo esibi esenziwe nguMbombemfene xa wayeqhubela abafundi ibhasi bebuya emdlalweni uze unike isizathu sokungafaneleki kwaso.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo esenziwe nguMbombemfene. (1)
(b) Isizathu sokungafaneleki kwaso. (2)

3.1.6 Khetha iziganeko zibe ziBINI ezenzeke phambi kokusweleka kukaGcinumzi.

(a) Usapho lwakwaSihlunu lufudukela edolophini.
(b) UThandabantu ushiya iKapa abuyele emva kuTsolo.
(c) Kufika amagosa karhulumente ezo kuthi izakhiwo zamashishini kaThandabantu azikho mgangathweni.
(d) UMaRhadebe uzala umntwana oyinkwenkwe onguMonwabisi. (2)

3.1.7 Simveza njengolimnganiswa onjani uMonwabisi isenzo sokuphuthuma iintombi zikaThandabantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.8 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababe luncedo ekuvuseleleni amashishini kaThandabantu. (2)

3.1.9 Xela indawo uHlubikazi awabalekela kuyo akuba ekhulelwe. (1)

3.1.10 Ngqina ngokwasencwadini ukuba olu lwazi lulandelayo aluyonyani.

UThandabantu wazivuyela iindaba zokuba amashishini akhe uza kuwathathela kuye urhulumente. (2)

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

UHlubikazi, umafungwashe kaThandabantu, wachelezela ukuhamba kumabanga aphantsi esoloko ephuma kwiqela lokuqala lesihlanu ezimviweni. Wayekhuthele ebonakala engumntwana ozolileyo othethela phantsi. Waliphumelela emagqabini ibanga lesixhenxe. Nalapho phakathi kwekhaya wayekhuthele engumzekelo kwabo beza emva kwakhe abantwana. Abazali bakhe ngamabhongo bamthumela kwisikolo esinewonga, iSt. John's College. URhadebe waxhela inkabi yonke yegusha sele equka nabanye abo apho, kuba nabo babephumelele kwawabo amabanga. Intombi yabo yayiphumelele emagqabini, into ke leyo yayibanika ithemba lokuba iya kuqhuba kakuhle nakwazayo amabanga iphumelela ukuze ide ibe ngumntu ofundileyo. Yena ke uMamTolo wayesele eyibona intombi yakhe ingugqirhakazi, sele isitsho ngaloo bhatyi imhlophe, ixwaye loo ntanjana yokuxilonga ichophise izixhobo zokubona ngokucekethekileyo kuloo mpumlo yayo. Hayi ke wona amabhongo obuzali ngokungabi nasiphelo! Imoto bayibetha yancinci endleleni esinge eThekwini ukuya kuthengela uHlubikazi iimpahla zasesinaleni. Kaloku iSt. John's ngelo xesha yayisisikolo esaziwayo nesidumileyo, kwaye kufunda kuyo

Downloaded from Stanmorephysics.com


> abantwana abagqwese ngobukrelekrele kwakho ingabantwana, isininzi, babantu abaziwayo ekuhlaleni. Ngoko ke naye unina akazange afune ukuba ahleleleke phakathi kwabanye umntwana wakhe, kwaye ke neentsiba zokwenza oko zazikhona. Baphuma bonke ukumkhapha ngomhla wokuya esinaleni. Efikile esikolweni uHlubikazi wahlala kwelinye lamagunjana kunye namantombazana amathathu.

3.2.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olukwesi sicatshulwa olubonisa ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

3.2.2 Xela ukuba wayezibalule ngantoni uHlubikazi esikolweni. (2)

3.2.3 Yintoni eyayisaziwa ngayo iSt. John's College? (2)

3.2.4 Xela udidi lwesafobe esikwintetho elandelayo.

'Imoto bayibetha yancinci endleleni …' (1)

3.2.5 Xhasa ngolwazi lwebali imbono yokuba abahlobo bayasitshintsha isimo somntu. (2)

3.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba kwaba luncedo kuMonwabisi ukuxhaphaka kwakhe evenkileni kaThandabantu. (2)

3.2.7 Nika isizathu sokuba uThandabantu afikelele kwisigqibo sokumkhupha esikolweni uMonwabisi. (2)

3.2.8 Loluphi ulwazi awayengenalo uMamTolo malunga nemali awayeyinika iintombi zakhe ngeli xesha zifunda eMthatha? (2)

3.2.9 Luvo luni oludluliswa kule noveli malunga nenkolelo yokuthwala? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

*(Intlanganiso yekomiti idibene esikolweni ngosuku olulandelayo. Amalungu awayekho nanga: G. Madala usihlalo, abaNum. Jekwa, Zuma, Mavuso, Ntaba, Lamla noNkosk. Nosisi Zinzo. Wayindulula usihlalo intlanganiso.)*

-----------------------------------------------------------------------------------

LONI: Ndiyabulela mhlalingaphambili. Malungu ekomiti, umcimbi endinibizele wona ngumcimbi eningxamele ukuwuqhela. <u>Umhla nezolo singqingqa sibuyelela sihlanganiswa apha ngulo mfo kaNdila</u>. Kungoku nje umcimbi wakhe apha esikolweni usibilise ubuchopho, wasithob' uNondyola. Le ndoda ikutya ngobuxelegu ukutya kwamadoda, ukuba niyayijonga ngoku ayiyodwa ngexesha lesikolo. **Sisidanga sayo ke eso mihla le, eyona nto imbi esi sidanga isiphathisa abantwana besikolo**, ibuzwa kuyo yonke imithombo yotywala kule ngingqi. Kungoku nje lilonke simncamile thina zititshala, ngoko ke umsebenzi wakhe wonakele. Andiqondi ukuba ndingabuya ndisebenzisane naye. Ndimi.

JEKWA: Mhlalingaphambili, kudala siquq' apha sixhoba sifohlela sixel' igqirha limbulula. Siwabophile amaxonya akabopheka – kwanele. Uthini yena lo mfana namhlanje? Makhe sive ngaye.

MADALA: Khawusiphakele mfo kaNdila.

NDILA: Ndiyavuma ukuba ndiyaginya, kodwa ke ayikho le yokuba ndiginya ngexesha lesikolo.

LONI: Ushushu ngoku.

MADALA: Kahle, titshala, aninakuphendulana ngolu hlobo. Ubusathini mfo kaNdila?

NDILA: Ndigqibile nkos' am.

JEKWA: Mhlalingaphambili, kudala siquqa apha kudala ndisitsho. Uyabona mna ndiyanxanwa gqitha kodwa owam umntwana andifuni tu ukuba afundiswe linxila elifana nam.

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.1.1 Xela ukuba iqhutyelwa phi le ntlanganiso. (1)

4.1.2 Nika isizathu sokuba uLoni abize le ntlanganiso. (2)

4.1.3 Xela ukuba saba yintoni isiphumo sale ntlanganiso. (1)

4.1.4 Nika imisebenzi ibe miBINI yezalathisi zaseqongeni. (2)

4.1.5 Khankanya isenzo esenziwe nguMaziko esibangele ukuba uMawonga acelwe ukuba makarhoxe esikolweni uze unike isizathu sokungafaneleki kwenjongo yaso.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo esenziwe nguMaziko. (1)
(b) Isizathu sokungafaneleki kwenjongo yaso. (2)

4.1.6 Khetha iziganeko zibe ziBINI ezenzeke emva kokuba uNdila egxothiwe emsebenzini.

(a) UMadala unyotywa nguNdila.
(b) UMawonga ugxothwa kwaFuneka.
(c) ULiziwe uxoxiswa nguLoni ngenxa yetasi awayiphathayo.
(d) UNjobe uyokuphanda kwaThandiwe. (2)

4.1.7 Simveza njengomlinganiswa onjani uNomawele isenzo sokuziyela emapoliseni ayokuxela akuvileyo kwakuvakala ukusweleka kukaMawonga? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.8 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababencedisa uFuneka ekulungiseleleni itheko lakhe. (2)

4.1.9 Xela indawo uZanele awawufumana kuyo umzimba kaMawonga. (1)

4.1.10 Ngqina ngokwasencwadini ukuba olu lwazi lulandelayo aluyonyani.

UFuneka wenza itheko ngenjongo yokuzonwabisa. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| JERRY: | Kulungile mkhaya, inkomo sele ilungele ukuhlatywa, amade ngawetyala. Boys and girls, namhlanje sivuyisana nomkhaya wam uFuneka. Niyazi ukuba akanyotywanga koko uvaviwe ngemfaneleko ekuphumeleleni ubongikazi. Impumelelo emva komzabalazo ifuna ukuthanjiswa. Kuhlwayelwe umswane ukuze ingangenwa sihlava. Niyazibona ke ezi tafile. Zixakathe okweenyosi nje zingqina ubuhle bale ndibano. Niya kufikelela kuzo zonke iziqhamo, into yemini enye ayenzi nto mntu, ingenakubeka bani bala kwathini. |
| MANDLA: | Siyabulela wakuthi, wenjenje umntu ukuze ihambo yakhe ithamsanqeleke, akhe amadoda atshice. Itheko malifane nelinye. |
| | *(Kuxutywe zihanjiswe iziselo. Uthe xa enikwa uMawonga wala)* |
| FUNEKA: | Look Wonga boy, yiba yindoda. Sonke asithathi kulo mthi kodwa le yimini eyodwa. Take a sip. Kuyadlalwa qha ke. |
| MAWONGA: | Ndiyakuxelela ukuba andithathi. |
| ZANELE: | Sukuzikhathaza bhuti wam unikwa iappetizer nje. |
| JERRY: | Lonizer, don't be funny man, when in Rome do as the Romans do. *(Athabathe ziintloni kuba wonke umntu wayesele emi ngaye)* Masinyuke – UThixo abe nawe ngonaphakade (*zingqubane iiglasi).* Mpilonde uthamsanqeleke ubheke phambili. (*Zingqubane zithiwe qongqololo kuhlaliwe phantsi kujikeleziswe izitoy)* |
| MANDLA: | Jerry, sidlule kummango wobungcathu ngoku. Give us music. |
| FUNEKA: | Utsho kum bhuti wam, Zanele sibeke emcimbini sana. (*UZanele adlale irecord player idume kufudumale)* |
| MAWONGA: | Zanie girl, masidanise … |

4.2.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olukwesi sicatshulwa olubonisa ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

4.2.2 Xela isiganeko esenzeke kanye phambi kokuba uMawonga abizelwe intlanganiso yekomiti yesikolo. (2)

4.2.3 Khankanya iimpawu zibe MBINI zedrama ezifumaneka kule ngxoxo. (2)

4.2.4 Xela udidi lwesafobe esikwintetho elandelayo.

'Zixakathe okweenyosi nje zingqina ubuhle bale ndibano.' (1)

4.2.5 Cacisa okutyhilwa yile ngxoxo ikwisicatshulwa ngeyelenqe likaNdila. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba uThandiwe wayemazi ukuba uMawonga unentokazi athandana nayo. (2)

4.2.7 Nika isizathu sokuba uFuneka akhuthaze uMawonga ukuba makasele utywala. (2)

4.2.8 Loluphi ulwazi awayengenalo uMawonga malunga nokumenywa kwakhe kweli theko? (2)

4.2.9 Luvo luni oludluliswa kule drama malunga nokuzinikela etywaleni? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | *(Etsibela uNoyongo emwola emphuza)* – Hhe wethu bheyibhi wam, umfumana phi na lo mntwana? |
| NOYONGO: | Ngowalapha eNgcobo Mlungu, lee phezulu eNkungwini. |
| NYOKA: | *(Eduda ebambelele kuNoyongo engamyeki)* – eNkungwini! Kunokuphuma umntwana onje eNkungwini? Umsebenzi uyabonakala moss ungatsho nje. |
| NOYONGO: | *(Ezikhulula ezandleni zikaNyoka)* Kunjalo Mlungu. |
| NYOKA: | Jonga qhawekazi lam, undive kakuhle bheyibhi nhe, kungabikho mpazamo. Yenza yonke into njengesiqhelo. |
| NOYONGO: | Uyandazi kaloku kwelo cala. |
| NYOKA: | Heke. Bamba nanku umgubo sisi. Ukhe kancinane ngencam yozipho, ungagqithisi kuba lo mntwana uyaqala ukuwusebenzisa kaloku. Umgalelele esiselweni sakhe, usakugqiba uye kumbonisa egumbini lakhe lokulala sisi, vha siyavana? |
| NOYONGO: | Kakuhle Mlungu. |
| NYOKA: | Ndifuna azive esekhaya kweliya gumbi lakhe lokulala uyeva? Uchithe ixesha elaneleyo naye nincokola. Ndifuna kusebenze lo mgubo, azive esekhaya, amkelekile. Kudibane ukufa neyeza. |
| NOYONGO: | Ungazikhathazi Mlungu. Utsho endodeni. |
| NYOKA: | Ndifuna aqhele, azive ekhululekile, kamva ke umgoduse. Sisidudla sekhomishini esi mntwan' am. Yeyakho. *(Utsho encumile emalatha esifubeni)* Yikomishini yakho le hehehe! |
| NOYONGO: | Ungandiqhathi kule Mlungu. |
| NYOKA: | Hayi! Hayi! Andicingi yhu! Usebenze kangaka. Iza kuba ngowam kaloku lo. Wena! Bakumfumana mva ndisakugqiba ngaye, nokuba kusemva kweenyanga ezintathu! |
| NOYONGO: | (*Wajala bunyevula)* Ungenza nantoni na oyithandayo. Ndiyayifuna imali yam mna qha. |
| NYOKA: | Nakanjani sisi uza kuyifumana ... |

5.1.1 Xela le nto athi uNyoka iza kufunyanwa nguNoyongo ngokuzisa uDina kwihotele yakhe. (1)

5.1.2 Nika isizathu sokuba uNyoka athi mawugalelwe kancinci umgubo. (2)

5.1.3 Xela ukuba uthi uKuku kwakutheni ukuze baphele bengavani noNoyongo. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.4 Nika imisebenzi ibe miBINI yezalathisi zaseqongeni. (2)

5.1.5 Khankanya iqhinga elenziwe nguGxalaba elibangele ukuba uNoyongo aphele elingqina lenkundla uze unike isizathu sokufaneleka kwalo.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Iqhinga elenziwe nguGxalaba. (1)
(b) Isizathu sokufaneleka kwalo. (2)

5.1.6 Khetha iziganeko zibe ziBINI ezenzeke emva kokuba uDina egxothwe kwaThambolenyoka.

(a) UZanoxolo uthunywa ngabazali bakhe ukuba athethe noDina.
(b) UDina ubalekiselwa esibhedlele ngootitshala bakhe.
(c) UDina uphumelela kwindawo yokuqala kwibanga lesibhozo.
(d) USdokhwe noMkhefa bafumana ingozi yemoto. (2)

5.1.7 Simveza njengomlinganiswa onjani uZanoxolo isenzo sakhe sokunqanda uDina ukuba angazifaki engxakini ngokuhlaba uThambolenyoka? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.8 Nika amagama abalinganiswa abaBINI abagxothwayo kwa-Thambolenyoka. (2)

5.1.9 Xela indawo ekuyo ihotele kaThambolenyoka. (1)

5.1.10 Ngqina ngokwasencwadini ukuba olu lwazi lulandelayo aluyonyani.

USajini Gxalaba usebenzisene noSajini Mbhotoloshi ukuze kubanjwe uThambolenyoka, agwetywe. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

*Kusesikhululweni samapolisa eNgcobo. UDina uzokumangalela uThambolenyoka. Uthunyelwa egumbini likaSajini Gxalaba.*

DINA: *(Ungene esikhululweni samapolisa seledyulukudela, wangqala ekhawuntaleni esisifu ngumsindo.)* – Liphi icala lokumangala?

POLISA: Howu! Howu! Howu! Kutheni ntombazana, wangena sowuligcalagcala? Kwenze njani?

DINA: *(Esabibitheka ngumsindo)* – Ndifuna icala ekumangalwa kulo.

POLISA: Ufuna icala ekumangalwa kulo umangalela ntoni?

DINA: Laa nja inguNyoka.

POLISA: Nguwuphi lowo Nyoka? Lo wale hotele uThambolenyoka?

DINA: Ewe, yena kanye, loo nkunkuma leyo.

POLISA: *(Liye lanikina intloko ipolisa. Lajika lajonga kugxa walo. Labuya lajonga kuDina.)* – Kwekhu, ntombazana, kwakufuneka ulinde sisi. Umntu osebenzana nezimangalo eziphuma kulaa hotele, uSajini Gxalaba, usaxakekile ngokwangoku. Usenomntu anaye phaya ngaphakathi. Kodwa ngena kweliya gumbi ulinde. Akazi kubamde noko.

DINA: Nina kanti andinakumangala kuni?

POLISA: Ewe ungamangala, xa uza kumangalela enye into. Kodwa besenditshilo, ndathi ukuba uza kumangalela uThambolenyoka lo walaa hotele, umntu osebenzisana nezimangalo eziphuma phaya nguSajini uGxalaba. Nguye ophethe umcimbi walaa hotele.
*(Usuke apho uDina esajwaqekile ngumsindo, wangqala kwelo gumbi akhonjiswa kulo. Ufike apho kungekho mntu, wahlala phantsi esitulweni esikufuphi netafile. Uhleli apho ithuba elide elindile. Kucaca ukuba uya eyicinga nzulu le nto, yaye imbindile, suka waqubuda walila. Wagixa kanobom kangangethuba elide, eyinyhididi. Kuthe kusenjalo – wangena uGxalaba.)*

5.2.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olukwesi sicatshulwa olubonisa ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

5.2.2 Xela isiganeko ekuthiwe sehlele uNozigoci emva kokumana kubonwa inenekazi elinxibe ngokungaqhelekanga kwaThambolenyoka. (2)

5.2.3 Khankanya iimpawu zibe MBINI zedrama ezifumaneka kule ngxoxo. (2)

5.2.4 Xela udidi lwesafobe esikwintetho elandelayo.

'Ewe yena kanye, loo nkunkuma leyo.' (1)

5.2.5 Cacisa okutyhilwa yile ngxoxo ikwisicatshulwa. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba yindlela awayeziphethe ngayo uDina kokwabo eyayisenza ukuba baxhalabe abazali bakhe ngaye. (2)

5.2.7 Nika isizathu sokuba uThambolenyoka aqeshe uMtshizana. (2)

5.2.8 Loluphi ulwazi awayengenalo uThambolenyoka malunga nentombi eyayimana ifika kwihotele yakhe inxibe impahla emnyama? (2)

5.2.9 Luvo luni oludluliswa kule drama malunga nokuzenzela ubutyebi ngeendlela ezingekho mthethweni? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Thath'izinto zakho mthakathindini' nguLL Ngewu
- 'Umhlahlo ngamehlo' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

**'THATH'IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI' – LL Ngewu**

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Liguqukile iqotha qikili legqwetha laxoza omnye umphini lema limi kwinto enye yokuba aba bafazi bayitsho ngokwabo lihlab' umhlaba into yokuba bangabathakathi. Kuthe xa kucaca ukuba izigebenga azinakuphuncuka kulo mgibe laguquka igqwetha okukaguluva labuza kubamangalelwa ukuba ngaphandle nje kokuba aba bafazi bebezintame ngokwabo ukuba bangamagqwirha, ingaba kukho enye na into etyhola aba bafazi batyholeke ukuba bayathakatha. Abamangalelwa baxele ukuba umnwe wegqirhakazi lakuKhothana elinguKhuthala walatha kubo apha. Ikhe yamiswa inkundla ngokomyalelo wejaji ukuba uKhuthala akhe alandwe aze kunika obakhe ubungqina kule ntsumantsumane.

Umtshutshisi ulingcambazisile igqirhakazi koko **akeza nanto iphathekayo** ngaphandle nje kokumana esithi yena unuka abantu abakhonjwe ngoonomathotholo. IJaji yenze isicelo sokuba le ntombi ikhe ize nabo bonke oonomathotholo khon' ukuze inkundla izanelise ukuba abona bantu bakhokelele aba bafana kwesi senzo ngoonomathotholo. UKhuthala uphendule ngelithi oonomathotholo abathethi nokuba kukubani yaye abadibani nogesi. Umtshutshisi utsho, watsho, watsho wancama, akabuya nanto kule ntokazi.

Liqukunjelwe ityala, yaza iJaji yasiwisa isigwebo sayo ngelithi, 'Kudala ndachophela amatyala. Ndiyaqala ukudibana nenkohlakalo enje ngale. Bendingazi ukuba inkohlakalo iyakwazi ukuhlanganisa umntu wakude ngapha kuKhothana nabantu baseGqaqhala.'

'Wena Khuthala, ngenxa yesenzo sakho esigwenxa ndigqibe kwelokuba uyagula ...'

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.1.1 Xela le nto lithi igqwetha ivunyiwe ngaba bafazi kuthethwa ngabo kwisicatshulwa. (1)

6.1.2 Nika isizathu sokuba ijaji iyalele ukuba imiswe inkundla. (2)

6.1.3 Xela ukuba wayeligqirha leyiphi ilali uKhuthala. (1)

6.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili ngokubhekiselele kuKhuthala. (2)

6.1.5 Khankanya isenzo esenziwe lixhwele laseDumse emva kokuva ukuba kuyiwa ematyaleni uze unike isizathu sokungafaneleki kwaso. Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo.

(a) Isenzo esenziwe lixhwele. (1)
(b) Isizathu sokungafaneleki kwaso. (2)

6.1.6 Khetha iziganeko zibe ziBINI ezenzeke phambi kokuba abafana baseGqaqhala babhukuqe nombombela basweleke.

(a) UKhuthala unika ubungqina enkundleni.
(b) USikhonkwane uyasweleka.
(c) Umfana wakuTsolo ubikela amapolisa ngabafazi ababethwayo.
(d) UKhuthala usiwa eLusikisiki. (2)

6.1.7 Simveza njengomlinganiswa onjani uSikhonkwane isenzo sokusoloko ethandazela umzukulwana wakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.8 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababizwayo bazokunika ubungqina enkundleni yamatyala ngokufa kwabafana baseGqaqhala. (2)

6.1.9 Xela indawo elalixoxelwa kuyo ityala labafana baseGqaqhala. (1)

6.1.10 Ngqina ngokwasencwadini ukuba olu lwazi lulandelayo aluyonyani.

Intlawulo yokuthwasa kukaKhuthala yaba lithokazi lenkomo emdaka kuphela. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Inkundla ibigcwele kungekho nendawo yokunyathela. Ummangali ebefutha ngumsindo, equmbe esisifu kangangokuba ukuba ebelizulu abanye abantu ngebesithi usibekele, bambi bathi uhlomile. Ummangali lo ubeyintwazana emalunga neshumi elinethoba leminyaka ubudala. Ubenxibe ibhulukhwe ehobe kanti nebhatyi ibikwanjalo. Iinwele zakhe bezandisiwe ngeenwele zemboleko zaza zaphothwa ngobuchule ngumntu ekubonakala ukuba uphila ngokuphazamisana neenwele zendalo. Iinzipho zakhe bezinde zibonakala ukuba zilondolozwa ngocoselelo. Ubemde umntwan' omntu kangangokuba kurhaneleka ukuba nakuba ubude bungaphangwa nje, yena zange azibambe koko wabuphanga ubude obu. Nakuba ebeceliwe nje ukuba ahlale phantsi ukwenze oko okwexeshana nje waphakama wema ngeenyawo ngathi uyadlisela.

Kwelinye icala lenkundla bekuhleli ummangalelwa, uZolani unyana kaNozolile umfazi wakwaNozulu. Umfo lo ubemalunga neminyaka engamashumi amabini anesithathu. Ubehleli kwisitulo ebesilungiselelwe yena buqu ezolile engashukumi nokushukuma ngokungathi ngumfanekiso oqingqiweyo. Abantu bedla ngokuheshela kude iimpukane ezibaphazamisayo nje, le ndedeba yona ibingazidubi koko iziyeka ezoo mpukane zizidakasele kobo buso bayo bumpuluswa zimke ngokudikwa. Apha esidleleni sasekhohlo uZolani ebenesiva ebesimdiza ukuba wakha wadibana nokuthungwa ngugqirha. Apha ezantsi kwekhosi ubenento enokubizwa ngokuba yingongoma okanye liduma ngumntu ongamaziyo kodwa omaziyo ubenokuthi lilifa.

6.2.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olukwesi sicatshulwa olubonisa ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

6.2.2 Xela ukuba yintoni eyayiqapheleka ngesithomo sommangali. (2)

6.2.3 Yayilityala lantoni eli lalize kuxoxwa kule nkundla? (2)

6.2.4 Xela udidi lwesafobe esikwintetho elandelayo.

'... ngokungathi ngumfanekiso oqingqiweyo.' (1)

6.2.5 Xhasa ngolwazi lwebali imbono yokuba akasoloko esinda umntu owenza izenzo zenkohlakalo. (2)

6.2.6 Ngqina ngolwazi lwebali ukuba uNonkanyezi akazange avunyelwe ukuba ahlale enkundleni ngexesha lokuxoxwa kwetyala likaNompoxeko. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2.7 Nika isizathu sokuba abantu basetyhini bakhalazele indlela amadoda awasingatha ngayo amatyala odlwengulo mhla kwakuxoxwa ityala likaNompoxeko. (2)

6.2.8 Loluphi ulwazi awayengenalo uNompoxeko malunga nobungqina obulindelekileyo xa kuxoxwa ityala lokudlwengulwa? (2)

6.2.9 Luvo luni oludluliswa kweli bali malunga nenkolelo yokusebenzisa amayeza ukuze usinde kwisigwebo senkundla? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Thembisile' nguLE Menze
- 'Umama' nguHM Dandala

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**THEMBISILE – LE MENZE**

KwaXhosa zithi zakungalungi izinto,
Indoda ingene ebuhlanti,
Iphalaze igazi leyona ityetyisiweyo,
Anqule amathile engxengxeza kwizinyanya.

Tyhini, madoda! Le ndoda itheni?
Tyhini, kwedini Thembisile! Unjani na?
Laphalala igazi likaTshonyane omkhulu.
Unikele ngegazi lakhe, sakhululwa.

Wayilwela inkululeko ebutsheni bakhe,
Wabhaca walinikela umva ikhaya,
Abazali, izihlobo nezalamane zakhamnqiswa,
Amabhongo namhla uwafezile ngegazi lakho.
------------------------------------------------------------
Ngokuwa kwalo mthi, uMthuzimele,
Ngokwenene sayifumana inkululeko, Dikiza.
Ngokuphalala kwegazi lakho, Tshonyane,
Ngokwenene yaqhawuka imixokelelwano.
Imixokelelwano yengcinezelo kwedini!
Hayi kwedini, Nkomo ndikuncamile!
Amadabi uwalwile wawaphumelela.
Iinduma zengcinezelo uzivile kwedini.

Kwedini ndithi unesibindi sengonyama!
Ndakubona eMaseru mfana isibindi,
Bagibisela ngebhombu bathi bakugqibile,
Vumbululu apho lo mthi, wazimela nkqo!

Downloaded from Stanmorephysics.com


Uyihlo wakuthiya ngebhongo kwedini!
Wathembisa okwenene akwajika, kwedini!
Namhla izizukulwana zova ngawe, kwedini!
Uyimele inyani awajika, bhuti!

Uyimele de kwafika utshaba,
Inene wena, Waluza useza kuphendula!
Amazulu ayavuya ngale nzuzo!
Emhlabeni zizijwili yile lahleko!

7.1.1 Xela isizwe ethetha ngaso imbongi kwisitanza soku-1. (1)

7.1.2 Tolika umqolo wesi-3. (2)

7.1.3 Kusixelela ntoni ukusetyenziswa kwezikhuzo kumqolo wesi-5 nowesi-6? (2)

7.1.4 Sibhekisa kubani esi sakhi singu-'sa' kumqolo wesi-8. (2)

7.1.5 Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-9 nowe-10. (1)

7.1.6 Nika izinto zibe MBINI ezenza ukuba abantu bakhamnqiswe ngokwesitanza sesi-3. (2)

7.1.7 Uzisa mfanekiso-ntelekelelo mni umqolo wama-20? (2)

7.1.8 Thelekisa umoya otyalwa yimbongi kwisitanza sesi-5 nesesi-6 kulo mbongo. (2)

7.1.9 Xela udidi lwesafobe olukulo mqolo ulandelayo:

'Kwedini ndithi unesibindi sengonyama!' (1)

7.1.10 Kuzisa ntsingiselo ni ukuphinda-phindwa kwegama 'kwedini' kulo mbongo? (1)

7.1.11 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**UMAMA – HM Dandala**

Intomb' entle eyabonwa ngubawo,
Imana ukunyathela kuhle emzini kayise;
Iququzelel<u>a</u> im<u>a</u>n<u>a</u> ith<u>a</u>th<u>a</u> ibek<u>a</u>;
Ze kubekho ukuqaqamba emzini kayise!

Ube eyibone kuqala iphakathi
Kwezinye iintombi emfundweni;
Ngolusu nesihomo ibe ifanelekile
Noxa ngesithomo ibe ingabhekele phi;
Ngoncumo isamele.
--------------------------------------------------
Indlela eya phambili,
Iya kufuna abantu abathobileyo;
Bethe khu iBhayibhile yokuhamb' indlela;
Behlabanisela ngosiba;
Bevika ngomthandazo;
Besetyisa ngeengoma zakuloYesu.
--------------------------------------------------
Sele eyibonile
Inge intliziyo ingaxola;
De waphulukwa ngelinye ilanga
Exoxa nabahlobo konwatyiwe.
Mlomondini wasindwa yimpumlo,
'Ndimbonile unina wabantwana bam',
Wavakala esitsho ukhekhe.
Yabuz' intanga yakhe enoburharha,
'Wangxama nje mfondini,
Ukhumbule na kanene,
Ukuba le nto ayiphakathi kwakho
Nale ntombi kuphela;
Kodwa yimizi eyendiselanayo,
Kuba kubekwa esinye isitena
Kumzuku-zuku wokwakhiwa
Kosapho lweAfrika?'
Uqhubile urheme evuyelela,
'Yakha yathathwa na intombi
Engabonwanga unina?
Xa unina eligogotya?
Inganalo na uxolo
Xa isondliwa ngesonka sentlebendwane?'
--------------------------------------------------
Enkosi bawo;
Thina kufanele sibulele sidomboze kuwe
Ngokusiphathela umama,
Osizeleyo wasondla wasakha;

Downloaded from Stanmorephysics.com

Namhlanje sinxamnye namawethu
Ngenxa kamama ongasibanganga,
Ongathanga akuzalelwana;
Koko umntwana womfazi
Yintombi nonyana wesizwe.
Ncincilili!!!!

7.2.1 Xela zibe MBINI izinto anconywa ngazo umama kwistanza soku-1. (2)

7.2.2 Chonga ibinzana kwisitanza sesi-2 elithetha ukuba le ntombi yayimfutshane ngesithomo. (1)

7.2.3 Nika uhlobo lophindaphindo olukrwelelwe umgca kumqolo wesi-3 uze uxele injongo yokusetyenziswa kwalo. (3)

7.2.4 Chonga umqolo osixelela ukuba imbongi ihambisana nenkolo yobuKrestu. (2)

7.2.5 Thelekisa isitanza sesi-2 nesesi-3 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

7.2.6 Injani ithoni esetyenziswe kulo mbongo kwisitanza sesi-2? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.7 Ivakalelwa njani imbongi kwisitanza sesi-5? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.8 Mfundiso ni efumaneka kulo mbongo? (2)

7.2.9 Nika uphawu olubonisa ukuba lo mbongo ngumbongo-mbaliso. (1)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

1.1 1.1.1 Umxelela ukuba impilo yakhe ayikho ntle.√ (1)

1.1.2 Sesokuba uMpumelelo afunde abe ngumntu elizweni√√/angathi uMpumelelo bakusweleka abazali bakhe abe ngumpha ochutywe walahlwa.√√ (2)

1.1.3 Wayephangela kumzi othengisa i-inshorensi.√ (1)

1.1.4 Yeyokuba ubutyebi bakwaNtsibande busemngciphekweni wokuthathwa ngobuqhinga ngabantu abangekho lungelweni labo.√√ (2)

1.1.5 (a) Kukuboleka uThembisa kuyise.√ (1)
(b) Sifanelekile, kuba senze ukuba uThembisa akwazi ukuqhubeka efunda kuba ehlala kwaNgxowankulu.√√ (2)

1.1.6 (b) UThamsanqa uncedisa kwivenkile kaLungile.√
(d) UNomakhwezi utyoboza imoto yomsebenzi kaLungile.√ (2)

1.1.7 Onyolukele ilifa√/othanda izisulu√, kuba le venkile afuna iincwadi zayo uLungile wayithenga ngoko ke ayiyoyakwaMakhwetshu√/kuba ufuna ilifa eliyivenkile yakwaNtsibande abangekho lungelweni layo.√ (2)

1.1.8 NguMosia.√
NguSondlo.√ (2)

1.1.9 NguMebhelina.√ (1)

1.1.10 Kunjalo, kuba luluntu lwaseLusikisiki olwalunomnqweno wokuba uMpumelelo azigqatsele isikhundla sokumela abantu kwipalamente yaseTranskei.√√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Kuthethwa ngevenkile.√
Kuthethwa ngelifa elishiywa libhaliwe.√ (2)

1.2.2 Kungokuba unethemba lokuba xa uMpumelelo eswelekile kuza kuba lula ukufumana ivenkile yakwaNtsibande ekudala eyifuna.√√ (2)

1.2.3 Kwavunyelwana ngokuba uMpumelelo makenziwe ukuba aphambane abe yinto nje efana nesithunzela√√/ngokuba aphambane angazi nalapho aya kufela khona.√√ (2)

1.2.4 Sisihlonipho.√ (1)

1.2.5 Kunjalo, kuba uNozililo owayethenge ootsotsi bokubulala uMpumelelo ethekweni lakhe suka kwabulawa umtshana wakhe wabhubha, usweleke ngokutshiselwa emzini wakhe etshiswa zizihlobo zotsotsi owabhubhayo.√√ (2)

1.2.6 Kunjalo, kuba kukwesi sikolo apho isifo soxinzelelo lwengqondo awayenaso uMpumelelo saqatshelwa khona ukuze athunyelwe esibhedlele eGroote Schuur ancedakale.√√ (2)

1.2.7 Sesokuba uLungile wavelelwa nguyise mkhulu emathongweni wamnika eli gama ukuba amthiye lona√√/sesokuba ligama uLungile awalinikwa nguyisemkhulu ephupheni.√√ (2)

1.2.8 Lelokuthenga ootsotsi ukuba bahlabe, babulale uMpumelelo kwasuka kwahlatywa umtshana wakhe.√√ (2)

1.2.9 Lolokuba abahlobo abasoloko benyanisekile√/bangakulahlekisa,√ kuba uNozililo uzenze umhlobo kaNomakhwezi kanti uneenjongo zokumtshabalalisa kuba efuna ivenkile yakwaNtsibande√/ ooMamTolo babengabahlobo bakaNozililo abamxhasayo nakwizinto ezigwenxa azenzayo.√ (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Ngumbutho wase*Moonglow Night Club*√/ngumbutho.√ (1)

2.1.2 Sesokuba uthi usisigqubu samanxila, imigewu nonoopatazana bodwa√√/uthi awunasidima.√√ (2)

2.1.3 Wayeyokuqhuba uphando.√ (1)

2.1.4 Yeyokuba imeko yombutho *waseMoonglow* mayinikwe ingqwalasela emandla nenzulu√√/yeyokuba mayijongisiswe imeko yawo.√√ (2)

2.1.5 (a) Kukuthandana noLulama Zuma.√ (1)
(b) Asifanelekanga kuba uthandane noLulama Zuma wabe ethandana noLinda selede wamngeja.√√ (2)

2.1.6 (b) UHlobo uhambela e*Moonglow Night Club.*√
(d) UNkskz. Hobe undwendwela kwisikhululo samapolisa.√ (2)

2.1.7 Ongumkhohlisi,√ kuba indlela alubeke ngayo udaba aze ngalo emapoliseni, indlela anxibe ngayo nendlela athe waziphatha ngayo yenze ukuba uHlobo akholelwe ukuba ngenene unguye lo makazi kaEddie athi unguye.√ (2)

2.1.8 NguDuma Hlelo.√
NguJoe Bumba.√ (2)

2.1.9 Kwinkundla yamatyala eMonti.√ (1)

2.1.10 Kunjalo, kuba umpu kaLinda owawulahlekile wavela emva kokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma.√√ (2)

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Kuthethwa ngeqokobhe legolide.√
Kukhankanywa amatye egolide nedayimani.√
Kuthethwa ngamacici egolide.√
Kuthethwa nge*Tape Recorder.*√
Kukhankanywa ibhanki i-*All Safe*.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.2 Kukuva ukuba kukho *iTape Recorder* kwimpahla kaEddie eselugcinweni e-*All Safe*.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.3 Kungokuba kuzo kwakukho amaso egolide, izacholo zegolide, umsesane wedayimani namacici egolide√√/kuzo kwakukho iimpahla zexabiso ezingamaso, izacholo namacici egolide kunye nomsesane wedayimani.√√ (2)

2.2.4 Sisaci.√ (1)

2.2.5 Kunjalo, kuba ukuba uEddie wayengenabo ubungqina obungumyolelo oshicilelweyo apho agrogriswa ngamalungu ase*Moonglow Night Club,* ngebengazange bafunyanwe abona bantu bambuleleyo yena noLulama√√/kuba ngumyolelo kaEddie obubungqina obushicilelweyo owenze ukuba abanjwe amalungu ase*Moonglow Night Club,* nabangabona babulali.√√ (2)

2.2.6 Kunjalo, kuba watsho wafumana ulwazi lokuba ayingoLinda Monti kuphela onohlobo lwebhatyi eyayinxitywe linenekazi ekukrokreleka ukuba labulala uEddie Maga noLulama Zuma√√/kuba waphuma *kwaFemina House* efumene ulwazi lokuba likho inenekazi elilelinye elinayo le bhatyi ifaniswa-*nemink coat*, ayingoLinda yedwa√√/kuba watsho wayazi ukuba ubungqina bakhe malunga nomnini-bhatyi bu-ethe-ethe kuba bebusalatha kuLinda kanti ukho nomnye umntu onayo, oko kwamenza ukuba aphandisise.√√ (2)

2.2.7 Sesokuba abanye babenobukhwele, bemcaphukela kuba besithi wayebashiyisele kuEddie√√/abanye babemmonela ngokuba waphumelela kukhuphiswano loonobuhle besithi nolo khuphiswano waluphumelela ngobuqhinga bokuthenga abagwebi.√√ (2)

2.2.8 Lolokuba oyena Nkosikazi Hobe wasweleka, lo nguThembisa Ntlokonkulu ozenza umakazi kaEddie nongomnye wababulali bakaEddie.√√ (2)

2.2.9 Lolokuba ulwaphulo-mthetho lulandelwa ziziphumo ezikrakra√/ owaphula umthetho uphelela entolongweni√/ lolokuba luyenziwa ngabantu abahloniphekileyo nabangacingelekanga√ lolokuba izenzo zolwaphulo-mthetho azifihlakali kuphele√/kuba amalungu ase*Moonglow Night Club* abulala uEddie noLulama aphela egwetywa√/kuba amalungu ase*Moonglow* ngabantu ababehlonitshiwe nekucingelwa ukuba baneenjongo eziphezulu ngeMonti kanti ngababulali√/ kuba amalungu ase*Moonglow Night Club* aye aqhuba etshintshiselana namaMpondo ngotywala afumane intsangu de abe ayabanjwa.√ (2)

**35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Yivenkile.√ (1)

3.1.2 Sesokuba wayenobubele, ubuntu nenkathalo ebantwini√√/sesokuba izenzo zakhe zazibonisa ukubathanda nokubaxabisa kakhulu abantu.√√ (2)

3.1.3 Kwii-ofisi zakwaNdabazabantu eKapa.√ (1)

3.1.4 Yeyokuba kwakusoloko kuthethwa ngayo ngabantu√√/ yayisemilonyeni yabantu ngalo lonke ixesha.√√ (2)

3.1.5 (a) Kukubalekisa ibhasi ngesantya esiphezulu kuba esiva kuntyontyelwa ngabafundi√/kukungangqalisi ingqondo yakhe ekuqhubeni alibale lihlombe lengoma de awanyathele kanobomi amafutha.√ (1)

(b) Asifanelekanga, kuba isantya esiphezulu awayeyibalekisa ngaso ibhasi sabangela ukuba angakwazi ukuyilawula, yawa, kwenzakala abafundi uGcinumzi wasweleka kuloo ngozi.√√ (2)

3.1.6 (b) UThandabantu ushiya iKapa abuyele emva kuTsolo.√
(d) UMaRhadebe uzala umntwana oyinkwenkwe onguMonwabisi.√ (2)

3.1.7 Onenkathalo√/onobuntu√/ongenanqala√ kuba oko ukwenze ngeenjongo zokudibanisa usapho lukaThandabantu nto leyo ebe luncedo kwimpilo kaThandabantu√/akathanga akunikwa igunya lokongamela amashishini kaThandabantu akazihoya iintombi zikaThandabantu√/ akakhange azixhibe iintombi zikaThandabantu ngokumphatha kakubi ekukhuleni kwabo.√ (2)

3.1.8 NguMonwabisi.√
NguSamkelo Zangone.√
NguMamTolo.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.9 EMlazi√/ kwikhaya likaJoe√/ eThekwini.√ (1)

3.1.10 Kunjalo, kuba ezo ndaba zamkhathaza uThandabantu de wahlaselwa sisifo sentliziyo, walala esibhedlele.√√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Kuthethwa ngesikolo√/iimviwo√/imfundo.√
Kukhankanywa umsebenzi wokubangugqirha.√
Kuthethwa ngemoto.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.2.2 Ngokusoloko ephuma kwisihlanu sokuqala ezimviweni√√/ ngobukrelekrele.√√ (2)

3.2.3 Yayisaziwa njengesikolo esinewonga√√/kwakufunda kuyo abantwana abagqwese ngobukrelekrele√√/kwakufunda kuyo ikakhulu abantwana babantu abaziwayo ekuhlaleni.√√ (2)

3.2.4 Sisibaxo√/lubabazo√/lugqithiso.√ (1)

3.2.5 Kunjalo, kuba uHlubikazi waqalisa ukutshaya waze kamva wangena nakumkhuba wokusela utywala ngenxa yabahlobo awadibana nabo esinaleni.√√ (2)

3.2.6 Kunjalo, kuba wafunda ngezinto ezimalunga neenkqubo zevenkile oko kwamxhobisa ngolwazi nezakhono zokulawula amashishini kaThandabantu akunikelwa kulawulo lwakhe.√√ (2)

3.2.7 Sesokuba wayefuna ukumsa kwisikolo esifundisa imisebenzi yezandla√√/sesokuba wayetsala nzima kwizifundo esikolweni√√/ sesokuba wayesele eliphinde kathathu ibanga lesibhozo.√√ (2)

3.2.8 Lolokuba loo mali zaziyisebenzisa kakubi zithenga utywala necuba zisenza namatheko.√√ (2)

3.2.9 Lolokuba inkolelo yokuthwala ikhuthaza ingcinga yokuba akukho mntu umnyama onezakhono zokuzisebenzela de abe usisityebi√/ iyazidodobalisa iingqondo zabantu√ kuba abantu baseNtshiqo bamtyhola ngokuthwala uThandabantu akuba enempumelelo kwezoshishino abakuthathela ngqalelo ukusebenza kwakhe nzima√/ kuba endaweni yokujonga izakhono zikaThandabantu nokufuna ulwazi olubangela impumelelo yakhe kwezoshishino, basuka bathi akukho mntu mnyama unokuba nempumelelo enjengeyakhe kwezoshishino ngoko ke uthwele.√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: IDRAMA**

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA G**

4.1 4.1.1 Esikolweni√/eNobutho.√ (1)

4.1.2 Sesokunxila kukaNdila emsebenzini√√/sesokonakalisa kukaNdila izimilo zabantwana besikolo ngokubathuma utywala ngexesha lesikolo.√√ (2)

4.1.3 Saba kukurhoxiswa kukaNdila emsebenzini√/saba kukugxothwa kukaNdila emsebenzini.√ (1)

4.1.4 Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa√/kukuveza iimvakalelo zabalinganiswa√/kukuveza indawo eliqhubeka kuyo ibali kunye nexesha√/kukunika ababukeli ulwazi ngokuqhubekayo nokuza kuqhubeka kumboniso√/kukuveza iinkcukacha ezingenakuvezwa eqongeni.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.1.5 (a) Kukuya kunyoka uMawonga kuMadala de athi makenze into ngoMawonga.√ (1)

(b) Ayifanelekanga, kuba asikuba wayekhathalele isikolo, koko wayefuna kugxothwe uMawonga ukuze yena afumane isikhundla sobunqununu.√√ (2)

4.1.6 (b) UMawonga ugxothwa kwaFuneka.√

(d) UNjobe uyokuphanda kwaThandiwe.√ (2)

4.1.7 Onenkathalo√/owuhloniphileyo umthetho√, kuba uxanduva aluthathileyo lokuya kuchaza akuvileyo emapoliseni lukhokelele emkhondweni oya kwaFuneka.√ (2)

4.1.8 NguJerry.√
NguZanele.√ (2)

4.1.9 Endlwini kaFuneka√/ngaphantsi kwebhedi endlwini kaFuneka.√ (1)

4.1.10 Kunjalo, kuba injongo yokwenza kukaFuneka itheko ibiyindlela yokuxhasa uNdila kwicebo lakhe lokufaka uMawonga kumgibe wotywala ukuze abe uziphindezele.√√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Abalinganiswa baxuba nolwimi lwesiNgesi kwintetho yabo.√
Kuthethwa ngetheko.√
Kuthethwa ngomlinganiswa ophumelele izifundo zokonga/ ongumongikazi.√
Kukhankanywe *irecord player*.√
Kuselwa utywala besiLungu ngeeglasi.√
Kuyadaniswa.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.2 Sesokuhlangana kosapho lwakhe lumngxolisela ukunxila√√/ sesokunqandwa engxoliselwa ukunxila ngumkhuluwa wakhe uRay nonina uNomasoka.√√ (2)

4.2.3 Abalinganiswa bayazithethela.√
Kukho izalathisi zaseqongeni.√ (2)

4.2.4 Sisifaniso.√ (1)

4.2.5 Kutyhilwa ukuba iyelenqe likaNdila lokuziphindezela kuMawonga liyaqala.√√ (2)

4.2.6 Kunjalo, kuba wabiza abahlobo bakhe eze kubachazela ukuba umyeni wakhe uhlala noZanele.√√ (2)

4.2.7 Sesokuba elungiselela ukuba kube lula kubo ukumfaka kumgibe abamakhele wona wempindezelo kaNdila.√√ (2)

4.2.8 Lolokuba eli theko lilungiselelwe ukumrhwebesha ukuze athandane noZanele√√/lolokuba ngeli theko kusondezwa yena kuNdila ukuze uNdila azalisekise impindezelo yakhe.√√ (2)

4.2.9 Lolokuba ukuzinikela etywaleni akulunganga√/kukuba kukufaka engxaki de uphalale√/kukwenza ukuba ube sisisulu ngenxa yongakubinangqiqo uphelelwe nasisidima√/kuba uMawonga uthe akuzinikela etywaleni waphelelwa sisidima de wasela nabo nabantwana awayebafundisa√/waphelelwa ngumsebenzi waphalala√/ wasisisulu sokuxhatshazwa ngokutyelwa imali engaqondi√/kwenza ukuba aphulukane nesakhono sokuwuphatha kakuhle umzi wakhe nosapho lwakhe√/ kuba uphele ezibulala ngenxa yemeko azifumanise ekuyo.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Yikhomishini.√ (1)

5.1.2 Sesokuba uDina wayeza kube eqala ukuwusebenzisa.√√ (2)

5.1.3 Uthi kungokuba uNoyongo wayemana emmangalela ku-Thambolenyoka esithi ugxuphuleka ezintweni ezikude kunaye√/uthi uNoyongo wayemchukusha.√ (1)

5.1.4 Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa√/kukuveza iimvakalelo zabalinganiswa√/kukuveza indawo eliqhubeka kuyo ibali kunye nexesha√/kukunika ababukeli ulwazi ngokuqhubekayo nokuza kuqhubeka kumboniso√/kukuveza iinkcukacha ezingenakuvezwa eqongeni.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.5 (a) Lelokugrogrisa uNoyongo ngokubulawa nguThambolenyoka√/ lelokuxokisa uNoyongo athi nguThambolenyoka obulala abasebenzi bakhe.√ (1)

(b) Lifanelekile, kuba lenze ukuba uNoyongo avume ukusebenzisana namapolisa esithi uza kuwaxelela yonke into ngoThambolenyoka.√√ (2)

5.1.6 (b) UDina ubalekiselwa esibhedlele ngootitshala bakhe.√

(d) USdokhwe noMkhefa bafumana ingozi yemoto.√ (2)

5.1.7 Onenkathalo√/olumkileyo√ kuba usindise uDina kwiziphumo zokuthathela umthetho ezandleni zakhe√/kuba senze ukuba uDina acinge ukuba makasebenzisane nomthetho ukubambisa uThambolenyoka, oko kwaba yimpumelelo.√ (2)

5.1.8 NguKuku (nguKhulukazi).√
NguDina.√ (2)

5.1.9 Isedolophini eNgcobo√/iseNgcobo.√ (1)

5.1.10 Kunjalo, kuba uSajini Gxalaba usebenzisene noDina ukuze uThambolenyoka abanjwe, agwetywe √√/kuba uMbhotoloshi uzive ngokubaliselwa nguSajini Gxalaba kunye noDina iinkcukacha ngabakwenzileyo ukubamba uThambolenyoka agwetywe.√√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Kukho amapolisa.√
Kuthethwa ngesikhululo samapolisa.√
Kukho ooSajini.√
Kuthethwa ngehotele.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.2 Kuthiwe ufunyenwe egetyengiwe√√/ufunyenwe eswelekile ngokuhlatywa ngencula.√√ (2)

5.2.3 Abalinganiswa bayazithethela.√
Kukho izalathisi zaseqongeni.√ (2)

5.2.4 Sisikweko.√ (1)

5.2.5 Kutyhilwa ukuba uDina unenzondo ngakuThambolenyoka√√/ukuba ufikelele kwisigqibo sokubuchitha ubukumkani buka-Thambolenyoka√√/ukuba uDina ufuna ukuba abanjwe uThambolenyoka√√/kutyhilwa ukuba sezikhona izimangalo esezingene ngaphambili malunga nehotele kaThambolenyoka√√/ ukuba nguGxalaba kuphela ojongene nezimangalo ezimalunga noThambolenyoka.√√ (2)

5.2.6 Kunjalo, kuba uDina wayesoloko ezivalele egumbini lakhe lokulala ephuma ngorhatya abuye ezinzulwini zobusuku√√/ wayesoloko ecofa unomyayi wakhe√√/ wayehlala kwindawo emdaka kuba wayengalicoci igumbi lakhe√√/ wayehamba iintsuku abuye enobubele obungaqhelekanga.√√ (2)

5.2.7 Sesokuba wayeziva engakhuselekanga ebona abasebenzi bakhe 'bebulawa' ngabanye ngabanye√√/wayefuna umntu oza kuhlala ecaleni kwakhe ngalo lonke ixesha, amkhusele.√√ (2)

5.2.8 Lolokuba eli nenekazi angalaziyo, nelimenza ixhala nguDina.√√ (2)

5.2.9 Lolokuba ukuzenzela ubutyebi ngeendlela ezingekho mthethweni kuba neziphumo ezikrakra√/kukwenza uphelele entolongweni√ kuba uThambolenyoka ozenzele ubutyebi ngokuxhaphaza abantwana abangamantombazana, ebathengisisa imizimba, ebatyisa neziyobisi, uye wabanjwa wagwetywa iminyaka engama-25.√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**UMBUZO 6: *UMNTU AKALAHLWA* – LL Ngewu & EZ Guqa**

**'THATH'IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI' – LL Ngewu**

6.1 6.1.1 Kukuba bangabathakathi.√ (1)

6.1.2 Sesokuba kwakusayokulandwa uKhuthala ukuba aze kunika obakhe ubungqina enkundleni.√√ (2)

6.1.3 Lelali yakuKhothana.√ (1)

6.1.4 Yeyokuba wayengathethi nto ibambekayo nenokusetyenziswa yinkundla njengobungqina.√√ (2)

6.1.5 (a) Kukubaleka√/kukufuduka.√ (1)
(b) Asifanelekanga, kuba lalishiya ingxaki yezidumbu elalithe mazigcinwe liza kuzivusa√√/kuba lalishiye lixokise iintsapho zabafi ukuba liza kubavusa kodwa ayenzeka loo nto.√√ (2)

6.1.6 (b) USikhonkwane uyasweleka.√
(d) UKhuthala usiwa eLusikisiki.√ (2)

6.1.7 Okhathalayo√/onothando√/okholwayo√ kuba unokholo lokuba umzukulwana wakhe uza kude ancedakale kwimpilo yakhe enkenenkene nengaziwayo unobangela wayo.√ (2)

6.1.8 NguThembisile.√
NguKhuthala.√ (2)

6.1.9 Kwinkundla yamatyala kuTsolo.√ (1)

6.1.10 Kunjalo, kuba intlawulo eyafunwa kubazali bakaKhuthala yaba yimali engamawaka amabini eerandi ngaphezu kwethokazi lenkomo emdaka.√√ (2)

**KUNYE**

**'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu**

6.2 6.2.1 Kuthethwa ngenkundla yamatyala. √
Kukhankanywa ibhulukhwe enxitywe yintombazana.√
Kuthethwa ngeenwele zemboleko ezifakelwa ezinweleni.√
Kuthethwa ngogqirha.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2.2 Kukuba wayemde kakhulu.√√ (2)

6.2.3 Lelokudlwengulwa kukaNompoxeko.√√ (2)

6.2.4 Sisifaniso.√ (1)

6.2.5 Kunjalo, kuba uZolani owayedlwengula amantombazana ze aqhayise ngokusinda angabanjwa kuba ethembe amayeza uphele egwetywa akuba edlwengule uNonkanyezi.√√ (2)

6.2.6 Kunjalo, kuba wakhutshelwa phandle ngamapolisa kuba esithi mncinci.√√ (2)

6.2.7 Sesokuba kwakungekho nelinye ibhinqa kubachopheli-tyala√√/ sesokuba amadoda asesikhululweni samapolisa ayesenza intlekisa ngoNompoxeko endaweni yokubonakalisa uvelwano ngakuye.√√ (2)

6.2.8 Lolokuba inkundla ayisebenzi ngokuzithethela komntu koko isebenza ngobungqina obuphathekayo nobungathandabuzekiyo.√√ (2)

6.2.9 Lolokuba alikho iyeza elinokwenza ukuba umntu asinde etyaleni ajongene nalo koko bubungqina obuphathekayo kuphela esebenza ngabo inkundla, obunokumkhulula okanye bumenze agwetywe√ kuba uZolani uthe ebeqhele ukuba nguphuncuka bemphethe kumatyala amangalelwe ngawo kuba ecinga ukuba uncedwa kukusebenzisa amayeza kodwa yacaca akugwetyelwa ityala lokudlwengula uNonkanyezi ngenxa yobungqina ukuba ebengasindi ngamayeza koko bekufunwa ubungqina.√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S.Maputi nabanye**

7.1 **'THEMBISILE' – LE MENZE**

7.1.1 SesakwaXhosa.√ (1)

7.1.2 … kuxhelwe eyona yondlekileyo.√√ (2)

7.1.3 Ukuba ukusweleka kukaThembisile kwakungakholeleki√√/ukuba uluntu lwalothukile lwakuva ukuba uThembisile akasekho.√√ (2)

7.1.4 Kubantu ababephila phantsi kwengcinezelo√√/kubantu abamnyama boMzantsi Afrika.√√ (2)

7.1.5 Yimvano-siqalo.√ (1)

7.1.6 Ukulwela inkululeko emncinci.√
Ukunikela umva ikhaya.√ (2)

7.1.7 Owomntu ohambe nzima othwaxwe kukungaphatheki kakuhle ngexesha localu-calulo√√/ owomntu onamanxeba okubethwa abebokoboko entloko.√√ (2)

7.1.8 Kwisitanza sesi-5 imbongi ityala umoya wovuyo nehlombe kanti kwesesi-6 ityala umoya wodandatheko/ wonxunguphalo.√√ (2)

7.1.9 Lubaxo√/lubabazo√/lugqithiso.√ (1)

7.1.10 Eyokuba imbongi inehlombe√/eyokuba imbongi iyamncoma lo kaHani ngemisebenzi yakhe negalelo lakhe√/iyamncoma kwaye inebhongo neqhayiya ngoThembisile ngenxa yemisebenzi yakhe negalelo lakhe esizweni esimnyama.√ (1)

7.1.11 Ngumbongo oncomayo√/ yiyuloji√, kuba imbongi isebenzisa isigama esincomayo esisesi, 'Hayi kwedini', 'Nkomo', 'ndikuncamile', 'amadabi uwalwile wawaphumelela'√/kuba imbongi isebenzisa isigama esisesi 'unikele ngegazi lakhe', 'ngokuwa kwalo mthi', ukuncoma umntu ongasekhoyo.√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **'UMAMA' – HM DANDALA**

7.2.1 Bubuhle bakhe.√
Kukuququzela kwakhe.√
Kukunyathela kwakhe kuhle.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.2.2 '... ibe ingabhekele phi.'√ (1)

7.2.3 (a) Luphindaphindo lwezikhamiso.√
(b) Yeyokudala isingqi.√√ (3)

7.2.4 Bethe khu iBhayibhile yokuhamb' indlela√√/bevika ngomthandazo√√/ besetyisa ngeengoma zakuloYesu.√√ (2)

7.2.5 Isitanza sesi-2 sakheke ngemiqolo emihlanu kanti esesi-3 sakheke ngemiqolo emithandathu.√√ (2)

7.2.6 Yithoni encomayo,√ kuba imbongi incoma ubuhle nenkangeleko kamama wayo.√ (2)

7.2.7 Inombulelo√/yonwabile√/ichwayitile√/ichulumancile√ kuba imbongi isebenzisa isigama esisesi, 'Enkosi bawo', 'sidomboza kuwe', 'Ngokusiphathela umama'.√ (2)

7.2.8 Yeyokuba lubalulekile uthando lwabazali ukwakha iintsapho ezinothando nemfudumalo√√/ yeyokuba uthando lusisiseko sokumiwa kwamakhaya√√/ uthando lwabazali lwakha iintsapho nesizwe esiphilileyo√√/ yeyokuba kubalulekile ukuzijonga iimpawu ezifanelekileyo zomntu oza kumtshata√√/ yeyokuba kubalulekile ukwazi ikhaya nemvelaphi yomntu oza kumtshata√√/ ukwendiselana kukwakha ubudlelwane phakathi kwemizi emabini√√/ abantwana bazalelwa bekhuliselwa isizwe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.2.9 Kubongwa ngesiganeko sokubonwa kukamama wembongi ngutata wayo√/kubongwa kusetyenziswa izenzi ezikwixesha eladlulayo√/ kubongwa ngendlela ebalisayo√/kusetyenziswe isigama esizoba imifanekiso-ngqondweni√/kuvela indawo nexesha√/kukho abalinganiswa√/kukho uvuthondaba√/unentshayelelo, isiqu nesiphelo.√

[Nayiphi kwezi.] (1)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**